S.E. Krune Mqhayi: *Imvo Zabantsundu* (11 January 1936), page 2

## U-1936

U Mnumzana u S.E. Krone Mqhayi, wase Ntabozuko, Berlin, uphindile ukusithumela lemigca, ngawo lomnyaka utwasayo ka 1936,— esithi nathi bephepha afanelwe kukukhe akhangelwe: Kuthe ekuthwaseni kwawo lomnyaka zamenywa zonke izizwe ezintsundu ezikwi Afrika ese Zantsi,—oko kukuthi kude kwaya kuma ngomlambokazi ongum Zambezi; zamenyelwa ndaweni ithile isisazulu selizwe. Ummemi kuthiwe ngu "1936." Iintlanga ezibe lapho azinakubalwa ngobaninzi bazo,—baye abantu befikile kwizigidi ezihlanu (5,000,000) amadoda odwa; intetho icace kumntu wonke, kungekho kh[u]msha.

Livakele esikhinindini sendimbane ilizwi lisenjenje:—Taruni lusapho luka Adam, luka Kushe, luka Ntu! Ndiyataruzisa ngokunidlela amaxesha enu anqabe kunene, ngakumbi kuba nina ngokwesoko lakowenu, ndise lusana mna 1936, ndise yimveku, untemekana ongekabi nangqondo, nakuva nakubona, nakuthetha. Kanti ke ngokwelakowetu isoko, lakwa "Mnyaka" ukuba ezizinto niyazipaula,—

(1) Umtana akazange avele esekho uyise.

(2) Evelile ke umtwana, akusekho buncinci kuye selesendaweni kayise ngokuzeleyo. Makathethe aqanane agqibe, kuba nengqondo seyingako.

(3) Eyethu iminyaka yokumka elizweni iqingqiwe; sihleli siyazi; ima 365 nakuba mna nabathile sinetamsanqa elikhulu kunene lokuba nomnyaka omnye ngaphezu kwale Siyibulela nzulu londawo. Ukutsho ke ma Afrika amahle ndithi,—maningabudeli ubuncinane bam.

Apho sivela khona thina minyaka siphuma kwa Nyange Lemihla, Komkhulu lama Komkhulu onke apho yonke indalo iphuma khona, amazulu awo amazulu, inzonzobila zehlabathi nezeelwandle, amalanga, iinyanga neenkwenkwezi,—zaye zonke ezonto kwa nathi minyaka sinqula u Menzi lowo u Ndikhoyo, u Qamatha wezizwe. Ngakho oko ke zonke izizwe neentlanga ezilunqulo luchaseneyo nolu lwethu thina minyaka, ezo zizwe zimelwe kukuba zisingiselwe emva. Qondani thina minyaka sikhonza u Menzi—ngoko ke sisikelela izizwe neentlanga ezikunye nathi elunquiweni,—mayicace lendawo kuni lusapho luka Ntu. Kwakhona iminyaka ngoku iyalelwe apho kwa Menzi ukuba mayizityhile eziya zinto bezifudula ziyimfihlelo; kuthiwa ngoku masithethathethane nani lusapho luka Adam, nizokuhamba nibona, mayiphele into yoobawo nooyihlo benu, bona bebengathethi, bengazani, bengathini,—awethu nani amaxesha ngawokhanyo, nokwandisa kobulumko nolwazi. Kuvakele Komkhulu kwa Menzi ukuba nina ninesikhalo sokulilela imihla yenu yamandulo,—niyabona ke imihla le isesandleni sika Menzi, sika Ndingokhoyo, ngakho oko Khonzani u

Menzi, nixele ezinye izizwe ezi zinilawulayo, kuba i Gunya lazo lokunilaula, liphuma Kuye. Lonto ke ingathi niyenzile, ningawubona ummangaliso elizweni; kuba mna lo 1936, untsukwana nizaziyo ubufutshane bazo, ndingathi ndisiya kwabakokwethu, ndiye seniyifumene imihla yenu yamandulo, nayifumana ihonjiswe ngohlobo eningeze nikholwe ukuba ise yiyo. Injalonje leyo mihla yona ayiyanga ndawo, nantso kwaphakathi kwenu; ilindele kwanina, kuba ibanjwe kwanini.

Ndicela ukuyeka lusapho lwa Komkhulu ukuze ndinganikruquli ngentetho ende, eninzi. Ngakumbi kuba ke ndisavela nokuvela, sisaza kululekana, siphathe kukhathazana,—sincomane sidela[n]e kwezinye izinto: kodwa mna ngelam, mna 1936, ngumnqweno warn omkhulu ukuba sihlalisane kamnandi, sisebenzisane kakuhle, nivuleke amehlo nibubone ubukhulu benu; kuba ngokwangoku anikabi nalo nofifi lokuzazi into eniyiyo.

Hambani ke nigoduke,—
Mzi ka Mthetho wakwa Mthetho!
Ninekamva elingcwele,—
Eningekaiityhilelwa.
Linqwenelwa ngamazulu
Nazinzulu zaz' iilwandle;
Linqwenelwa ngamalanga
Nazunzuthela zentlanga.
Nilibekelwe ilifa,—
Guqukelani nganeno!!!
1936.